## IPALAMENTE KUNYE NOKONGAMELA

Olona vavanyo lwentando yesininzi kukuba iPalamente ingaqinisekisa kangakanani ngokuba urhulumente uhlala enika iimpendulo ebantwini. Oku kwenziwa ngokugcina ukongamela (ukubeka esweni) izenzo zikarhulumente ngokuzingisayo.

IPalamente kunye neeKomiti zayo zinelungelo lokubiza nabani na okanye naliphi na iziko lize kunika ubungqina okanye lithi thaca amaxwebhu, kwaye linike ingxelo kuzo.

## IGUNYA LOMGAQO-SISEKO

- UMgaqo-siseko uvakalisa ukuba iPalamente inelungelo lokongamela onke amalungu karhulumente kubandakanya nalawo akumaphondo kunye noorhulumente basekhaya.

## KUKUTHINI UKONGAMELA?

- Ukongamela ngumsebenzi onikwe nguMgaqo-siseko kwiPalamente ukuze ibeke esweni ize iqwalaselea izenzo zikarhulumente.
- Xa isongamela, iPalamente igxininisa kule miba ilandelayo:
  - ➢ Ukuphunyezwa kwemithetho
  - ➢ Ukusetyenziswa kohlahlo-lwabiwo-mali
  - ➢ Ukuthotyelwa kwemithetho yePalamente kunye noMgaqo-siseko
  - ➢ Ukulawulwa ngendlela encomekayo kwamasebe karhulumente

## KUTHENI IBALULEKILE INDIMA YOKONGAMELA KWEPALAMENTE?

- Ngokubeka esweni izenzo zikarhulumente, iPalamente iyakwazi ukuqinisekisa ukuba ukuhanjiswa kweenkonzo kuyenzeka, ukuze bonke abemi bafumane ubomi obungcono.

## IPALAMENTE YENZA UMSEBENZI WOKONGAMELA NGOKWEZI ZIZATHU ZILANDELAYO:

- ukufumana kunye nokunqanda ukuxatshazwa
  - ➢ ukunqanda ukuziphatha okungekho mthethweni nokuchasene noMgaqo-siseko kwicala likarhulumente
  - ➢ ukukhusela amalungelo kunye nenkululeko yabemi
  - ➢ ukugcina urhulumente ephendula ngokuba ichithwe njani imali yabahlawuli berhafu.
  - ➢ ukwenza imisebenzi karhulumente ibonakale kwaye kwandiswe nokuthenjwa kwakhe luluntu

## INDIMA YOKONGAMELA YEZINDLU ZASEPALAMENTE ZOMBINI

- IPalamente ineziNdlu ezimbini, ezibizwa ngokuba:
  - ➢ yiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe (NA), kunye
  - ➢ NeBhunga lamaPhondo leSizwe (NCOP).
- INdlu nganye inendima yokongamela eyidlalayo.

# Ipalamente Kunye Nokongamela

- UMgaqo-siseko uvakalisa ukuba iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe inyulelwa ukumela abantu kunye nokuqinisekisa ngorhulumente wabantu phantsi koMgaqo-siseko. Ikwenza oku ngo:
  - ➢ kuqinisekisa ukuba zonke izigqeba ezilawulayo zaseburhulumenteni ziyaphendula kuyo, kunye
  - ➢ nokugcina umsebenzi wokongamela kwigunya likarhulumente wesizwe, kunye nokuphunyezwa kwemithetho.
- IBhunga leSizwe lamaPhondo limele amaphando ukuqinisekisa ukuba iimfuno zamaphondo ziyaqwalaselwa kwinqanaba lesizwe likarhulumente
  - ➢ Indima yeBhunga lesizwe lamaPhondo kukongamela imiba yesizwe kumaphondo kunye noorhulumente basekhaya
  - ➢ IBhunga lesizwe lamaPhondo lingacela ilungu leKhabhinethi, igosa likarhulumente wesizwe okanye iLungu lePalamente yePhondo/uMphathiswa wePhondo ( MEC) lize entlanganisweni yeBhunga okanye yeKomiti

## INDIMA YEEKOMITI ZASEPALAMENTE

- IiKomiti zasePalamente zisekwe njengezixhobo zeziNdlu ngokoMgaqo-siseko ukuququzelela ukongamela kunye nokubeka esweni urhulumente.
- Ezi Komiti "ngamagumbi enjini" okongamela ePalamente kunye nemisebenzi emalunga nemithetho.
- IiKomiti ziphicotha imithetho, zongamela izenzo zikarhulumente kwaye zinxibelelana noluntu

- Omnye weyona miba ibalulekileyo yomsebenzi wokongamela kukuthathela ingqalelo iingxelo zonyaka zamaziko karhulumente kunye neengxelo zoMhloli-zincwadi-Jikelele.
- Ngokuxhomekeke kwinjongo yokongamela, iKomiti iya kucela inkcazelo emfutshane kwiziko likarhulumente okanye ilundwendwele ngeenjongo zokuzifumanela amanqaku.

## IZINTO EZISEBENZAYO ZOKONGAMELA

### *a) Ukwamkelwa kohlahlo-lwabiwo-mali*

- UMphathiswa wezeMali uvakalisa isicwangciso soqikelelo sonyaka ozayo esisekwe kwiinkcukacha ezaziwayo kwakunye nohlahlo-lwabiwo-mali lwesebe ngalunye.
- IPalamente kufuneka yamkele uhlahlo-lwabiwo-mali.
- Emva kokuvakalisa uhlahlo-lwabiwo-mali lwesebe ngalunye, iKomiti nganye ibamba iindibano zovakaliso-zimvo zesebe ngalinye elongameleyo.
- Oku kumiselwe ukuqinisekisa ukuba isebe lizigcinile izithembiso zonyaka ophelileyo, kwaye imali yabahlawuli berhafu ichithwe ngokufanelekileyo.

### *b) Imibuzo ephendulwa sisigqeba esilawulayo*

- Ukubuza imibuzo kurhulumente yenye yeendlela iPalamente emgcina ephendula ngayo urhulumente.

- Imibuzo eza kuphendulwa ngomlomo okanye ngokubhaliweyo ingabuzwa kuMongameli okanye kuSekela-mongameli kunye nabaPhathiswa ngemiba engokoxanduva lwabo.
- Ixesha lemibuzo linika amalungu ePalamente ithuba lokubuza amalungu karhulumente malunga nemiba yokuziswa kweenkonzo, egameni lemibutho yabo yezopolitiko okanye labantu ababameleyo.

*c) Iingxelo zamalungu*

- Esebenzisa le nkqubo, amalungu ePalamente angenza inkcazelo kwiNdlu ngawo nawuphi na umba.

*d) Izaziso zezindululo/zeziphakamiso*

- Ngokwenza isaziso sesindululo/ sesiphakamiso ilungu lawo nawuphi na umbutho wezopolitiko liyakwazi ukuphakamisa umba elifuna uxoxwe ePalamente, ngaloo ndlela lincede ngokuzalisekisa uxanduva lokongamela.

*e) Iingxoxo zendibano yocweyo epheleleyo*

- Iingxoxo zendibano yocweyo epheleleyo yenye yeendlela zokuzisa ulwazi olubalulekileyo kwingqwalasela karhulumente malunga neenkqubo zikarhulumente ezithile okanye imithetho efanelekileyo ukuze kuphuculwe ukuziswa kweenkonzo.

*f) Umsebenzi wengingqi yovoto yelungu*

- Umsebenzi wengingqi yovoto yelungu unika amaLungu ePalamente elona thuba lokongamela abantu ngabanye ngabanye.
- Umsebenzi wengingqi yovoto yelungu ubonelela ngolona nxibelelwano lukufutshane phakathi kwamaLungu ePalamente kunye noluntu.
- Amalungu anoxanduva lokwazisa iPalamente ngayo nayiphi na imiba echongwe ngexesha lolunxibelelwano lokongamela.

## UNGAZIBANDAKANYA NJANI

*a) Ukwenza isiphakamiso*

- Ukwenza isiphakamiso kwiKomiti yePalamente yenye yeendlela zokwenza ilizwi lakho livakale ePalamente.
- Ngokwenza isiphakamiso, unethuba lokuphembelela uluvo lwamalungu eKomiti axoxa ngomthetho osayilwayo phambi kokuba ube ngumthetho ophunyeziweyo.

*b) Uxwebhu lwezikhalazo*

- Wonke ummi unelungelo lokungenisa uxwebhu lwezikhalazo ePalamente, njengoko kubonelelwe kuMgaqo-siseko.
- Nawuphi na umntu okanye iqela labantu okanye umbutho ungalungenisa uxwebhu lwezikhalazo ePalamente.
- Uxwebhu lwezikhalazo sisicelo esisesikweni osisiwa kwabasemagunyeni ngokuba kwenziwe okuthile. Lusenokuba sisinyanzelo, isicelo sokwenzelwa inceba okanye sokuba kuhlangatyezwane nesikhalazo.

*This pamphlet is available in all the official languages of South Africa.*

Produced by the Public Education Office • Parliamentary Communication Services • INSPIRED BY PEOPLE
www.parliament.gov.za • P.O. Box 15, Cape Town, 8000 • Telephone: (021) 403 3341 • Facsimile: (021) 403 3303

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Xhosa




# Ipalamente Kunye Nokongamela